Ukuphucula ukubeleka ngaphambi kwexesha kunye nempilo yeemveku kwiAfrika ekwisub-Sahara

Ukuphononongo impilo yelungu lobufazi ngexesha lokukhulelwa kunokwenza ukuba abaphandi baphuhlise amangenelelo amatsha okubona abasetyhini abasengozini yokubeleka ngaphambi kwexesha.

Dr Anna-Ursula Happel
ngumphandi oyila iiprojekthi onganeno kwiZiko leziFo ezoSulelayo namaYeza eMolekhule kwiYunivesithi yaseKapa (Institute of Infectious Disease & Molecular Medicine).

ORCID ID:
https://orcid.org/0000-0003-3658-8638

Abasetyhini abane-HIV basengozini ephezulu yokwehlelwa kukubeleka ngaphambi kwexesha kwaye iimveku ezibelekwe ngaphambi kwexesha ziye zibe nempilo ebuthathaka mva ebomini. Owasetyhini ngamnye kufuneka abe nokukhulelwa okusempilweni, enika umntwana ithuba lokukhula ngaphandle kwezithintelo.

Ukubeleka ngaphambi kwexesha kokona kunegalelo elingundoqo ekuswelekeni kweemveku ezisanda kuzalwa, kwaye kubalelwa kuma-45% okusweleka kwabantwana abangaphantsi kweminyaka emihlanu kwiAfrika ekwisub-Sahara. Iintsana ezizelwe phambi kwexesha zineziphumo zempilo ezibuthathaka, ezandiswa zimeko ezinemithombo enyiniweyo.

UAnna-Ursula Happel uphononongo ubudlelwane phakathi kwempilo yelungu lobufazi (ingakumbi iibhakthiriya neentsholongwane zelungu lobufazi) ngexesha lokukhulelwa kunye nokubeleka phambi kwexesha kwabasetyhini baseMzantsi Afrika abane-HIV. Iziphumo zale projekthi ziza kuthathela ingqalelo oogqirha kunye nabongikazi abanika ukhathalelo lwezonyango kwabasetyhini abakhulelweyo eMzantsi Afrika. Ziza kuthathela ingqalelo kananjalo uYilo lweSicwangciso seSizwe saseMzantsi Afrika seMpilo kaMama, iMveku, umNtwana nowaseTyhini.

Ukusilela ukuphucula iziphumo zokubeleka kuya kubanga ukusweleka kweemveku ukuba kuhlale kuphezulu ngokungamkelekanga.

“Ukuqonda ukuphembelelana phakathi kweentsholongwane neebhakthiriya zelungu lobufazi ngexa lokukhulelwa kunye nokubeleka phambi kwexesha kubalulekile ukuphuhlisa ulawulo lolwelo namangenelo okwehlisa ukwenzeka kokubeleka phambi kwexesha phakathi kwabasetyhini abane-HIV,” utshilo uHappel.

Oku kuya kwehlisa ukusweleka kwaye kuphucule impilo yeemveku zeAfrika ekwi-sub-Sahara.

“Ukuba siyasilela ukuphucula iziphumo zokubeleka, ukusweleka kweemveku kuya kuqhubeka kuhlale kuphezulu ngokungamkelekanga kwaye siya kuqhubeka ukuvimba abantwana ithuba lokukhula bayokufika apho banokufika khona.”

Presented in association with the Institute of Infectious Disease and Molecular Medicine, this programme forms part of #theArtofResearch, an initiative of research communication specialists Jive Media Africa.

ACTIVATING AFRICAN KNOWLEDGE
Jive Media Africa